

# ITSHATA YAMA LUNGelo ESIGULANE

Kumashumi amaninzi eminyaka uninzi lwabemi boMzantsi Afrika baye bahlangabezana nokwalelwa okanye ukugxojwa kwamalungelo angundoqo, kuqukwana malungelo kwiinkonzozo khathalelo lwempilo. Ukuqinisekisa ukuphunyezwa kwelungelo lofikelelo kwiinkonzozo khathalelo lwempilo njengoko kuqinisekisiwe kuMgaqo-siseko weRiphabliki yoMzantsiAfrika (umThetho we-108 ka-1996), iSebe lezeMpilo lizibophelele ekuxhaseni, ukuphakamisa nokukhusela elilungelo kwaye ngokoke lazisa leTSHATHA YAMALUNGelo ESIGULANE njengomgangatho omnye wokuphumeza elilungelo. Letshatha ixhomekeke kumagatya awona wuphina umthetho osebenzayo kwiRiphablik iyoMzantsiAfrika kunye nakwiindlela zamalizelizwe.

## IMO ENGQONGILEYO ENEMPILO NEKHUSELEKILEYO

Wonke umntu unelungelo kwimo engqongileyo nekhuselekileyo eyakuqinisekisa impilo yabo yasemzimbeni neyase ngqondweni, kuqukwano nikezoolwaneleyo lwamanzi, ugutyulo kunyeno kulahlwa kwenkunkuma ngokunjalo nokhuselo kuzo zonke iintlobo zengozi yokusingqongileyo, ezifana nongcoliseko, ukwehliswa kwizinto eziphilayo kunye nendawo eziphilakuyo okanye usulelo.

## UKUTHABATHA INXAXHEBA EKWENZIWENI KWEZIGQIBO

Ummingamnye unelungelo lokuthabatha inxaxheba ekuphuhliseni kwemigaqo-nkqubo kwaye wonke umntu unelungelo lokuthabatha inxaxheba ekwenziweni kwesigqibo kwimicimbi echaphazela impilo yomntu

## UFIKELELO KUKHATHALELO LWEMPILO

Wonke umntu unelungelo lokufikelela kwiinkonzo zokhathalelo lwempilo eziquka:

- i. Ukufumana kwangethuba ukhathalelo lwempilo kusona siphina isibonelelo sokhathalelo lwempilo esivuliweyo nokuba umntu uyakwazi okanye akakwazi ukuhlawula;
- ii. Unyango kunye nokubuyiselwa kwimo yangaphambili ekufuneka saziswe ngayo isigulane ukuze isigulane eso sikwazi ukuluqonda unyango olunjalo okanye ukubuyiselwa kwimo yangaphambili kunye neziphumo zakongaphaya koko;
- iii. Ulungiselelo lweemfuno ezikhethekileyo kwimeko yeemveku ezisanda kuzalwa, abantwana, abasetyhini abakhulelweyo, abantu abasebekhulile, abantu abanokukhubazeka, izigulane eziqaqanjelwayo, abantu abaphila ne-HIV okanye izigulane ezine-AIDS;
- iv. Ukucetyiswa ngaphandle kokucalulwa, ukunyanzelwa okanye ubundlobongela kwiimeko ezifana nempilo yokuzala, umhlaza okanyei-HIV/AIDS;
- v. Ukhathalelo oluno velwano olufikelelekayo nolusebenzayo kwimeko yezifo ezinganyangekiyo okanye izigulo ezibulalayo;
- vi. Imbonakalo entle eboniswa ngabanik ilukhathalelo lwempilo ebonisa uncedo, isidima somntu, umonde, uvelwano nokunyamezela; kunye
- vii. Nolwazi lwempilo oluquka ukufumaneka kweenkonzo zempilo kunye nokuba uzisebenzisa njani nangcono iinkonzo ezinjalo kwaye ulwazi olunjalo luya kuba ngolwimi oluqondwa sisigulane.

## ULWAZILWE-INSHURENSI YOMNTU/ISIKIMSO NCEDO LWEZONYANGO

Ilungu le-inshurensi yempilo okanye lesikimso ncedo lwezonyango linelungelo lolwazi olumalunga ne-inshurensi okanye isikimso ncedolwezonyango kunye nokucela umngeni, apho kukho khona imfuneko, izigqiboze-inshurensiokanyeisikimsezonyangoesinjalongokunxulumenenelungu. **UKHETHO LWEENKONZO ZEMPILO**  
Wonke umntu unelungelo lokukhetha umbonelelelo wokhathalelo lwempilo othile okanye isibonelelo sempilo esithile ngonyango olubonelelwayo ukuba nje olokhetho aluyiku phikisana

nemigangathoyeenqoboezisesikweniezisebenzayokubanikikhathalelolwem piloabanjaloookanyeiziboneleloezinjalo, kunyenokhetholweziboneleloezingqinelanayonezikhokelozonikezolweenko nzoezi.

## NYANGWA NGUMNIKI KHATHALELO LWEMPILO ONEGAMA

Wonke umntu unelungelo lokumazi umntu amnyangayo ngoko ke nyangwa ngumniki khathalelo lwempilo owaziswe ngokucacileyo.

## UBUMFIHLO KUNYENO BUCALA

Ulwazi olunxulumene nempilo yomntu, kuqukwanolwazioluphathelenenonyangolunokuxelwangemvumeesekelwe elwazini, ngaphandlekwaxakufunwaokongokwawonawuphinaumthethookanyeumy alelowenkundla.

## IMVUME ESEKELWE ELWAZINI

Wonke umntu unelungelo lokunikwa ulwazi olupheleleyo kunye nolu chanekileyo malunga nobunjani besigulo sakhe, iinkqubo zokufumanisa isifo ngoxilongo, unyango olucetywayo kunye neendleko ezibandakanyekayo, ukuze umntu enze isigqibo esichaphazela naba ningalemiba.

## UKWALA UNYANGO

Umntu unokwala unyango kwaye ukwala okunjalo kuyakwenziwa ngomlomo okanye ngokubhalwe phantsi ukuba nje ukwala okunjalo akufaki ngozini impilo yabanye.

## THUNYELWA UKUBA UYOKUVA ULUVO LWESIBINI

Wonke umntu unelungelo lokuthunyelwa ukuba ayokuva uluvo lwesibini xa ecela aye kumniki khathalelo lwempilo amkethayo.

## UKUQHUBA KOKHATHALELO

Akukhomntumakalahlwengumsebenziowufundeleyoumsebenziwakhekwez okhathalelolwempilookanyesisibonelelosempiloesiyesamnyangakuqala.

## KHALAZA NGEENKONZO ZEMPILO

Wonkeumntuunelungelolokukhalazangeenkonzozokhathalelolwempilokwa yeizikhalazoezinjaloziphandwekwayeafumaneimpenduloepheleleyongoph andoolunjalo.

## AMAXANDUVA ESIGULANE

Isigulane okanye iklayenti nganye inalamaxanduva alandelayo:

- Ukuxelela abaniki khathalelo lwempilo ngeminqweno yakho ngokuphathelene nokusweleka kwakhe.
- Ukuthobela unyango olumiselweyo okanye iinkqubo zokubuyiselwa kwimo yangaphambili.
- Ukubuza ngeendleko ezinxulumene nonyango kunye/okanye ukubuyiselwa kwimo yangaphambili kunye nokulungiselela intlawulo.
- Ukugcina iirekhodi zonyango ezikuye.
- Ukukhathalela impilo yakhe.
- Ukukhathalela kunye nokukhusela okusingqongileyo.
- Ukuhlonipha amalungelo ezinye izigulane kunye nabaniki khathalelo lwempilo.
- Ukusebenzisa ngokufanelekileyo izibonelelo zokhathalelo lwempilo hayi ukuzisebenzisa kakubi.
- Ukwazi iinkonzo zakhe zengingqize mpilo kunye nokuba zinike zantonina.
- Ukunika abanikikhathalelo lwempilo ulwazi olubalulekileyo noluchanekileyo lokufunyaniswa kwesifo ngoxilongo, ngeenjongo zonyango, ukubuyiselwa kwimo yangaphambili okanye zokucetyiswa

Directorate Quality Assurance: Private Bag X828, Pretoria. 0001. Telephone: 012 395 8264/3  
www.doh.gov.za